UPhando oLwenziwe kwiSigaba seSiseko

okufunyenwe luphando neengcebiso

Kuphuculwa ukufundisa eklasini nokuqhuba kwabafundi

ISebe leMfundo
LENTSHONA KOLONI
URhulumente Wephondo leNtshona Koloni

IMBULAMBETHE

imbulambethe

Ngo-2010 iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) ne-Ofisi kaNondyebo wePhondo (Western Cape Provincial Treasury) bacela ikomiti yeYunivesithi yaseStellenbosch ukuba iqhube uphando olubanzi ngokufundisa nokufunda kwiSigaba seSiseko. Uphando lwabandakanya iintsuku eziyi-135 eziphele leyo zokuqwalaselwa kokufundisa nokufunda eziklasini (classroom obsrvation), kunye nodliwano-ndlebe nootitshala neenqununu. Oku kwabangela ukuba uphando lufumane kanye ngqo okuqhubekayo eziklasini malunga nokufundisa nokufunda kwizikolo zaseNtshona Koloni.

Le ncwadana inika ingcaciso ngeziphumo eziphambili zolu phando. Ingxelo ephele leyo iyafumaneka kwisekethe nakwii-ofisi zeesekethe.

Ndithanda ukukhuthaza izikolo, ngakumbi iiKomiti zoLawulo lweZikolo nootitshala beSigaba seSiseko, ukuba bazisebenzise ezi ziphumo zophando.

Isikolo ngasinye sineempawu zaso ezizodwa yaye ayizizo zonke iziphumo eziya kusebenza kubo bonke ootitshala, kwizikolo zonke nakwizithili zonke Kucelwa uqwalasele ezo ziphumo zinako ukusetyenziswa kwimeko yakho, uxoxe ngazo kunye noogxa bakho uze uthathele ingqalelo ukuba ungakuphucula njani na ukufunda eklasini yeSigaba seSiseko.

ISebe leMfundo leNtshona Koloni liya kusebenzisa iziphumo zophando neemvavanyo ezinyanzelekile ekuqulunqeni iindlela zokunika inkxaso efanelekileyo ootitshala nezikolo. Ukuze la maphulo ongenelelo ngoncedo abe yimpumelelo, iinqununu, ootitshala, abazali namagosa kuwo onke amanqanaba, mabasebenzisane ukuqinisekisa isiseko esiluqilima kwiiLwimi nakwiMathematika kubo bonke abantwana bethu kwiSigaba seSiseko.

Iinqununu kufanele zibe nenkxalabo kwaye zibe nolwazi ngokwenzeka eziklasini. Kungale ndlela kuphela apho ziya kubanako ukukhokela ukufundisa eziklasini. Ezi ziphumo zilapha ngezantsi zinika iinqununu isikhokelo sokubeka esweni ukufunda kwabafundi eziklasini kwiSigaba seSiseko ezikolweni zazo.

INTLOKO YESEBE LEMFUNDO

UKUFUNDISA EKLASINI NOKUQHUBA KWABAFUNDI KWISIGABA SESISEKO

Iziphumo zophando

Iziphumo zophando zinokwahlulwa zibe ngamacandelo amabini: Itheyibhili yokuqala inika izinto ezilishumi ezincomekayo eziqatshelweyo.

Itheyibhili yesibini inika iinkcukacha ngezinto eziye zahlatywa luphando kwakunye namanyathelo ezisombululo ukusombulula ezi ndlela zokufundisa zinengxaki.

Eminye imingeni kwezinye izikolo ixhaphake kakhulu kunezinye. Ingcaciso engaphezulu ingafumaneka kwingxelo epheleleyo esele isiwe kwisithili semfundo ngasinye nakwisekethe nganye. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zizifunde ngenyameko iziphumo. Izikolo kufanele ziqwalasele loo miba yengxelo inokusetyenziswa kuzo ngakumbi zize ziyisebenzise le ngcaciso ukuphucula ukufunda nokufundisa kwiSigaba seSiseko.

Iziphumo ngokubanzi:

1. Ngokubanzi, uphando lufumanise ukuba izikolo ezininzi ziqhuba kakuhle ngenxa yokuba kulandelwa iinkqubo zokufundisa eziqhelekileyo (normal procedures), iyenziwa imisebenzi yesiqhelo yaye zikho izibonelelo, ingakumbi ootitshala yaye iyalandelwa nenkqubo yemihla ngemihla (daily routine). Nakuba kunjalo, uphando lukwafumanise ukuba kugxininiswa kakhulu ekulandeleni imo (form) yenkqubo endaweni yokujonga intsingiselo nokusebenza kwayo. **Izikolo nootitshala abasebenzi ngokwaneleyo ukuqinisekisa ukuba kufundwa ngokwenene eklasini nangokwaneleyo kwiSigaba seSiseko**.

2. Kukwanjalo nakulwazi lootitshala lokufundisa. Ootitshala bebekwazi ukulawula iiklasi yaye bezilandela iinkqubo zokufundisa. Nakuba kunjalo, uphando lufumanise ukuba ootitshala abaninzi bebengawuxhomanga phezulu umgangatho ngokwanelisayo, oko kuthi, amanqanaba eemfuno zokuqiqa nokucinga nzulu nafanele ukuba ngumngeni ebantwaneni afumaniseke ekumgangatho osezantsi kakhulu. Izikolo ezininzi azikhange zibenako ukuyigqiba yonke ikharityhulam ekuhambeni

konyaka. Kubekho nokubhideka okuthile malunga novavanyo nekharityhulam zaza iziphumo zabonisa ukuba abafundi abakhange babe nolwazi kwaphela ngemiba esisiseko yolwimi nemathematika.

3. Kuqatshelwe okufanayo ngokumalunga noko kwenziwa ngootitshala njengobungqina obubambekayo obuvezwe luphando yaye iincwadi zabantwana zibonisa ukuba akufundwa, akubhalwa yaye akubalwa ngokwaneleyo yonke imihla.

Yindibanisela yezi zinto zintathu eye yakhokelela ekuqhubeni kakubi kwabafundi. Eyona nto eye yabonakala ngamandla, uninzi lwezikolo eziqhuba kakubi aziwenzi owona msebenzi wazo ophambili, wokuqinisekisa ukuba kufundwa ngokwenene eklasini.

eklasíní

IINKQUBO EZILI-10 EZINIKA ITHEMBA

Inkalo ekugxilwe kuyo	Izinto ezincomekayo eziqatshelweyo	Izinto ezinokuphuculwa
1. Izixhobo zeklasi ezizinto zokuqala neemeko ezingqonge iklasi	Iiklasi zibonakala zinefanitshala eyaneleyo, ibhodi (okanye izinto ezikwanjalo) yaye zilungiswe ngendlela yokuba abafundi babenako ukubona ibhodi. Iimethi zokufundela okanye iikhaphethi zokufundela zikho kwizikolo ezininzi.	Ukubonelela ngeekhaphethi okanye iimethi kwi-FP kuzo zonke iiklasi, ngakumbi kumanqanaba eBakala 1 nele-2, kunokukhuthaza 'ixesha lokubalisa amabali' okanye amava okufunda ekwabelwana ngawo, nokwazi ukuthetha komfundi nomnye umfundi kunye notitshala.
2. Ukufumaneka kwezinto zokubhala ezibalulekileyo	Iiklasi ezininzi zinezinto zokubhala eziyimfuneko, nangona ezinye iiklasi zinencwadana yokubhala imisebenzi yolwimi enye kuphela.	Kucetyiswa ukuba kubekho iincwadi ezahlukeneyo zezifundo ngezifundo nezamacandelo ahlukeneyo olwimi.
3. Iklasi ezele yimifanekiso nezinto ezininzi zokufunda	Kuninzi lweeklasi zeSigaba seSiseko (Foundation Phase) (FP), kuxhonywe ezindongeni imifanekiso enomdla nemininzi noko.	Ukuthengwa kwezibonelelo ezitsha zala maxesha endaweni yezidala kubalulekile ingakumbi izibonelelo zolwimi lweenkobe zesi-Afrikansi nezeelwimi zase-Afrika.
4. Ukufumaneka kweencwadi zokufunda nokukhuthaza ukuthanda ukufunda iincwadi eziklasini	Uninzi lweeklasi ze-FP zineencwadi zokufunda zaseziklasini.	Kukho imfuneko yokuba kuthengwe ezinye iincwadi zengcaciso/iincwadi ezingezinto eziyinyaniso (non-fiction) ezinemifanekiso enomtsalane nezifanele amanqanaba olwimi. Ootitshala kufuneka babethelele umdla ezincwadini njengomthombo wengcaciso kwakunye nokuzonwabisa. Kubonakala ngathi kufuneka iincwadi ezininzi ezinemifanekiso eziklasini ngakumbi kwiiklasi zamaBakala 1 no-2.

5. Uvavanyo lomsebenzi obhalwayo	Uninzi lootitshala be-FP bawumakisha umsebenzi weklasi wabafundi qho kwaye abafundi abakwiiklasi ezininzi benza izilungiso qho kwiincwadi zabo zomsebenzi wemathematika.	Izilungiso kwiincwadi zoLwimi lwaseKhaya kufanele zenziwe qho. Abafundi abamakisha umsebenzi wabo okanye abamakisha umsebenzi womnye nomnye bamelwe ukusetyenziswa njengendlela yokubethelela isifundo
6. Inkxaso enikwa ezekharityhulam nokubekwa esweni ukuphunyezwa kwekharityhulam yikomiti yolawulo yesikolo	Iikomiti zolawulo zezikolo (school management teams) (SMTs)/ iiNtloko zezifundo (Heads of department) (HoDs) ze-FP ziyibeka esweni inkqubela yootitshala ekwenzeni izicwangciso zomsebenzi wabo.	IiSMTs/HoDs kufuneka zisebenze ngamandla ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yokufunda, yokubhala nokubala efanele ibakala nehlupheza ingqondo neminye imisebenzi, yenziwa yonke imihla eklasini. Ii-SMT kufuneka zibenolwazi ngenkqubela yezikolo xa ithelekiswa nekharityhulam nendlela eziqhuba ngayo kwiimvavanyo ezinyanzelekileyo. Kufuneka iinqununu zidlale indima ephambili ekukhokeleni ukufundisa.
7. Ukubuyisa ixesha lokufundisa ekulilahlekileyo	Xa kukho iintsuku zokuhamba isikolo ekungafundwanga ngazo okanye kungenziwanga zifundo, ootitshala bathe ixesha eliye lalahleka lidla ngokubuyiswa ngokwandisa ixesha lokufundisa ukuze izifundo ziqhubeke emva kokuphuma kwesikolo.	Izikolo zifanele ukuba nenkqubo-sikhokelo /umgaqo-nkqubo ozikhokelayo malunga nokuba oku kungenziwa njani na.

8. Ukungabikho kwabafundi esikolweni nokubekwa esweni kokuhamba isikolo kwabafundi	Ukungezi kwabafundi esikolweni asinto ichaphazela ngamandla ixesha lokufunda eziklasini ngokulinciphisa, nakuba iyingxaki kwezinye izikolo, ngakumbi ngooLwezihlanu okanye ngeMivulo. Ngokubanzi, iirejista zokuhamba isikolo zabafundi be-FP ezikolweni, zibonakala zifakwa qho ingcaciso entsha.	Makwenziwe uphando ngenqanaba eliphakamileyo lokungezi kwabafundi esikolweni ngeMivulo nangooLwezihlanu uze usingathwe lo mba.
9. Iindlela zokusebenzisana eklasini	Kukho ukusebenzisana okuncomekayo phakathi kootitshala nabafundi. Ootitshala abaninzi bayazama ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwimisebenzi yaseklasini.	Makukhuthazwa ulwazi 'lokuxoxa' phakathi kwabafundi. Ukuze ootitshala babe nako ukusabela ngakumbi iimfuno zomfundi ngamnye, kufuneka bazazi yaye bakwazi ukusebenza ngeempazamo zabafundi. Kufuneka ootitshala baqinisekise ukuba bonke abafundi bayabuzwa yaye banikwa ithuba lokuphendula okanye lokusombulula iingxaki ebhodini baze bazifunde ngokuvakalayo.
10. Iindlela zokumelana neeyantlukwano phakathi kwabafundi	Uninzi lootitshala be-FP bazama ukusombulula umba weyantlukwano ngokwezakhono phakathi kwabafundi babo.	Kwiiklasi ezinkulu ayingabo bonke abafundi abafumana ixesha elilinganayo lokufundiswa ngutitshala. Umngeni kukuba kuqinisekiswe ukuba bonke abafundi bayafunda kwaye benza konke okusemandleni abo nokuba ixesha lisetyenziswa ngendlela enenzuzo. Makunikwe inkxaso engaphezulu kulawulo lweklasi, kwizibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa neencwadi zokufunda ezihlelwe ngokwamabakala.

IZINTO EZIFUNA UKUQWALASELWA

Izinto ezihlatywe luphando		Iindlela neenkqubo zootitshala eziya kukhokelela ekupaseni bhetele kwabafundi
Ukusetyenziswa ngendlela eyiyo kwexesha lokufundisa nelokufunda	Lincinane kakhulu ixesha elichithwa 'ekwenzeni' iMathematika noLwimi yonke imihla kunelo labelwe ezi zifundo ngosuku kwithayimthebhili.	Lazi ncam ixesha elifanele ukusetyenziswa eklasini ngosuku ngalunye kwizifundo ezahlukeneyo. Umzuzu ngamnye uyabala!
	Ukwazi ukulawula ukufika kade esikolweni akusoloko kusenziwa ngempumelelo.	Yenza abazali nabafundi bazi ukuba ukufika kade esikolweni kubekwe esweni. Abafundi mabakhuthazwe ukuba baye eziklasini yonke imihla kwaye ngexesha.
	Ixesha elabelwe ukufundisa iMathematika noLwimi kwi-Foundations for Learning guidelines ne-CAPS, lingaphezulu kakhulu kunexesha kanye lokufundisa eklasini.	Makuqinisekiswe ukuba usuku lokufundisa kwiSigaba seSiseko lucwangciswe kakuhle, amaxesha athile acwangciselwe isifundo ngasinye. Makubekwe esweni inkqubela kuthelekiswa nezi njongo njengokuba lihamba ixesha.
	Zininzi kakhulu iziganeko zokungafundiswa kwabafundi nezithi zinciphise ixesha lokufundisa. Khumbula umzuzu ngamnye uyabala.	Ootitshala mabasebenzise ixesha lokufundisa ngendlela enenzuzo Makwenziwe imisebenzi engasiyokufundisa imbalwa kakhulu. Zama ukugqiba iprogram ecwangciselwe usuku Cela inqununu inciphise iziphazamiso ezifana nabazali, abanye ootitshala okanye imibutho endwendwela iiklasi ngexesha lokufundisa.

Izinto ezihlatywe luphando		Iindlela neenkqubo zootitshala eziya kukhokelela ekupaseni bhetele kwabafundi
Isantya sokufundisa	Lininzi kakhulu ixesha elabelwe uphuhliso lolwazi lokufunda nolwazi lokubala elimoshakalayo ngenxa yesantya esicothayo nokungabekwa eswenin komsebenzi.	Kufuneka kuzanywe ukukhawulezisa. Khumbula ukuba umzuzu ngamnye uyabala. Oku kubaluleke ngakumbi kubafundi abangenathuba lokufunda ngaphandle kwelo lasesikolweni.
	Ootitshala benza umsebenzi ngesantya sabona bafundi babuthathaka kakhulu eklasini.	Abafundi mabanikwe amathuba okwenza umsebenzi ongumngeni nobenza bacinge. Iincwadi zokufunda eziqala ezantsi ziye zisonyukela ngobunzima (Graded reading series) neencwadi zezifundo/ iincwadi zomsebenzi eziprintiweyo zinika abafundi ithuba lokuqhubeka ngokwamaqanaba olwazi ahlukeneyo.
	Bayayekwa abafundi benze imisebenzi ebhalwayo ngesantya esicotha kakhulu. Ubungakanani bomsebenzi obhalwayo owenziwa abafundi ngosuku ngalunye awanelanga.	Abafundi mabakhuthazwe ukuba 'bazame ukukhawulezisa' ukwenzela ukuba bagqibe imisebenzi yokubhala nokubala eyaneleyo ngosuku ngalunye.
	Kusetyenziswa ngokugqithisileyo ibhodi ukubhala umsebenzi nokuye kuthathe ixesha elininzi kuze kunciphise amathuba abafundi okufunda ezinye iiteksti zokwandisa ulwazi.	Makusetyenziswe iincwadi zezifundo neencwadi zomsebenzi zabafundi kwisifundo ngasinye yonke imihla. Ibhodi mayingafane isetyenziswe ngokungeyomfuneko yaye apho kunokwenzeka makulungiswe imisebenzi ngexesha elingelilo elokufundisa.
	Umsebenzi wesikolo wasekhaya awubonwa njengenxalenye ebalulekileyo yeprogram yokufundisa. Sisinye esithathwini kuphela sabafundi be-FP abanikwa umsebenzi wasekhaya kathathu okanye ngaphezu koko ngeveki.	Makwenziwe imigaqo-nkqubo yomsebenzi wesikolo wasekhaya we-FP okhokelwa ziinjongo ezinokufikeleleka. Umsebenzi wesikolo wasekhaya yindlela yokwandisa ixesha elingaphaya kosuku lwesikolo yaye ukwayindlela yokunika abafundi amanye amathuba okuziqhelisa nomsebenzi. Mabavunyelwe abafundi ukuba batshintshiselane ngomsebenzi wesikolo wasekhaya omakishwa eklasini baze bawusebenzise njengethuba lokufundiswa.

Izinto ezihlatywe luphando		Iindlela neenkqubo zootitshala eziya kukhokelela ekupaseni bhetele kwabafundi
Imisebenzi efuna kusetyenziswe ingqondo nzulu	Imisebenzi elula nengafuni kucingwe nzulu ngaBafundi beMathemathiki nabeeLwimi: Abafundi abafikeleli kuyo yonke ikharityhulam ngomgangatho ophezulu okanye ngomsebenzi ofuna kusetyenziswe ingqondo nzulu. KuLwazi lokuBala abafundi ikakhulu babhala amanani kwizibalo benze iMath notation. Azininzanga iiklasi ezithatha inxaxheba ekutolikeni izixhobo zokubala ezifana neegrafu neetheyibhili. Abazifundiswa ngokwaneleyo ii-word problems. KuLwazi lokuFunda nokuBhala: Abafundi ikakhulu babhala onoobumba namagama akukho kubhalwa kweeteksti ezandisa ulwazi kungako.	Makufunwe umsebenzi ocingisa nzulu ngakumbi kubafundi ukuqinisekisa ukuba badlulela ngaphaya kwinqanaba abakulo. Abacebisi ngezekharityhulam baya kuwuqwalasela ngokukodwa lo mngeni. Kuya kunikwa uncedo oluthe kratya ukuqinisekisa ukuba kufikelelwa kwiikharityhulam zonke kwelo nqanaba lifanele iklasi yaye imisebenzi yovavanyo isetwa ngokwelo nqanaba lifanelekileyo.
	Imisebenzi elula nengafuni kucingwa nzulu neyenziwa ngesantya esicotha kakhulu ikhokelela ekubeni abafundi baphazamise abanye kwaye oku kubonisa ukuba badikiwe.	Abafundi mabaphoselwe umngeni wokubhala nokubala imisebenzi emininzi kwaye bayenze bayigqibe. Lindela lukhulu!

Izinto ezihlatywe luphando		Iindlela neenkqubo zootitshala eziya kukhokelela ekupaseni bhetele kwabafundi
Ubunkokeli ekufundiseni	Iinqununu aziyiniki xesha laneleyo imiba yekharityhulam kwiSigaba seSiseko.	Kuya kufuneka iinqununu zinike ingxelo ngenkqubela eziyenzileyo kwikharityhulam. Kukwafuneka iinqununu zithathe inxaxheba mpela yaye zibe nomdla kwiSigaba seSiseko.
	Iiklasi ezinabafundi abangaphezu kwabayi-40 kwiSigaba seSiseko.	I-SMT mayabe ootitshala ngokufanelekileyo yaye ilandele imigaqo-nkqubo emisela umlinganiselo wenani (ratio) labafundi abafundiswa ngutitshala owamkelekileyo. Akukho ziklasi zeSigaba seSiseko ezinokuba nabafundi abangaphezu kwe-40.
Ukusetyenziswa ngendlela enenzuzo kwexesha lokufundisa nokufunda	Bambalwa abafundi abavunyelwa ukuba bagoduke neencwadi.	Ukuba kunokwenzeka, makwenziwe zibekho iincwadi abafundi abagoduka nazo. Abafundi kufuneka banikwe iincwadi kangangoko ukubakhuthaza ukuzifundela ngokukokwabo.
	Ukusetyenziswa kwee-worksheets kuvimba abafundi ithuba lokuphatha iincwadi baze bafunde ukuba zisebenza njani na iincwadi.	Ii-worksheets zinemisebenzi eyenziwe ngononophelo, lo gama iincwadi zezifundo neencwadi zomsebenzi zicwangciswe ngendlela eyiyo nangolandelelwano oluthile. Makuqinisekiswe ukuba abafundi beBakala 2 & 3 baneencwadi zezifundo kunye/okanye iincwadi zomsebenzi kwisifundo ngasinye.

Izinto ezihlatywe luphando		Iindlela neenkqubo zootitshala eziya kukhokelela ekupaseni bhetele kwabafundi
Iindlela zokufundisa ngempumelelo izifundo zolwazi lokubala nezifundo zolwazi lokufunda nokubhala	Ulwazi lokufunda nokubhala: Kufunyaniswe ukuba maninzi amathuba okufunda kwabafundi beliqela kunalawo okufunda ngamnye ngamnye.	Umfundi ngamnye eklasini ufanele ukufundela utitshala rhoqo elungiswa iimpazamo (guided reading) ukuze abe nako ukumbeka esweni aze arekhode inkqubela yomfundi ngamnye aze ahlule amanqanaba okufunda abafundi.
	Ukwazi ukufumana intsingiselo kuxhomekeke ekwazini ukufunda kakuhle. Akugxininiswa ngokwaneleyo ukuphuhlisa isakhono sokwazi ukufunda kakuhle nokuqonda intsingiselo kwiiklasi zeSigaba seSiseko. Ootitshala ababafundisi abafundi iindlela ezahlukeneyo zokukwazi ukufumana intsingiselo kwiiteksti.	Kufuneka ootitshala batshintshele kwinkqubo ecwangcisiweyo yamiswa ngendlela eyiyo ngakumbi ekufundiseni iifonikhi (phonics), ukwakhiwa kwezivakalisi (syntactic), igrama nopelo. Kufuneka abafundi bathathe inxaxheba ekuphenduleni imibuzo efuna bafunde, bafune ulwazi baze balusebenzise kwiiteksti xa benika iimpendulo zabo.
	Ugxininiso lusekufundeni ukufunda iteksti elula ebalisayo. Abafundi abathathi nxaxheba ekufundeni iiteksti ezinika ingcaciso umzekelo, izivakalisi eziphelelelyo, okanye imihlathi kwiincwadi zezifundo.	Umfundi ngamnye kufanele aqheliswe qho ukufunda iiteksti ezinika ingcaciso (ezinengcaciso /ezingemiba eyinyani) ukwenzela iinjongo ezahlukileyo ezifana nesifundo soLwazi ngeZakhono zoBomi neMathematika (Life Skills and Mathematics).
	Ulwazi lokuBala: Imisebenzi yeZibalo eziBizelwayo (Oral mental arithmetic tasks) ikakhulu yeyokubala nokudibanisa.	Ootitshala babaqinisekise ukwenziwa qho kwezibalo ezibizelwayo (mental arithmetic) nee-multiplication tables, ukwenzela ukuba kunikwe abafundi amathuba okukhulisa ukwazi ukubala ngokukhawuleza.
	Abafundi abakhuthazwa ukuba bafunde baze balandele imiyalelo ngokwabo. Abakhuthazwa nokuba babuze imibuzo qho.	Makuphuhliswe ulwazi lwabafundi lokuzisebenzela bengaxhomekekanga mntwini. Oku kubaluleke gqitha ukuze kuqhelaniswe neemeko zovavanyo ezifuna uvavanyo olunyanzelekileyo.

Izinto ezihlatywe luphando		Iindlela neenkqubo zootitshala eziya kukhokelela ekupaseni bhetele kwabafundi
Indima yabazali	Kufuneka abazali bathathe inxaxheba kanganoko kunokwenzeka ekufundeni amabali kodwa nasekuphuhliseni uLwimi neMathematika ngokuthi bancedise ekubekeni esweni umsebenzi wesikolo wasekhaya.	Abazali mabathathe inxaxheba (okanye amanye amalungu osapho afana noobhuti nosisi) kangangoko kunokwenzeka kumsebenzi wesikolo wasekhaya. Mabavunyelwe ukuba bancedise kwimisebenzi elula enjengokunceda abantwana bafunde oonobumba be-alfabethi namanani, ukuziqhelisa nezibalo zemathematika baze bankqaye ngentloko iitheyibhili zokuphinda-phinda nopelo.
	Bambalwa abafundi abavunyelwa ukuba bagoduke nazo naziphi na iincwadi.	Makwenziwe abazali namanye amalungu osapho babe nolwazi ngokubaluleka komsebenzi wesikolo wasekhaya kwiSigaba seSiseko. Mabakhuthazwe apho kunokwenzeka ukuba babeke esweni baze banike inkxaso umsebenzi wesikolo wasekhaya nokufunda ekhaya.
Uvavanyo	Imisebenzi yovavanyo ayisoloko icwangciswe ngendlela eyiyo kwaye iyasilela kwiinkcukacha eziyimfuneko ukubonisa uhlobo lokurivayiza okanye ungenenelelo ngoncedo olufunekayo.	Cwangciswa uvavanyo lwarhoqo ukufumanisa ukuba ngaba abafundi bakulungele na ukuqhubeka baye kwinqanaba elilandelayo. Seta iimvavanyo kwinqanaba elifanelekileyo, kuthathelwe ingqalelo ikharityhulam nezicwangciso zomsebenzi, ukuqinisekisa ukuba abafundi bavavanywa kumanqanaba afanelekileyo. Makusetyenziswe ingcaciso yovavanyo ukulungiselela ukuba lufuneka phi na, kwaye iloluphi udidi lohlaziyo olufunekayo.
	Ayisetyenziswa ngokwaneleyo ingxoxo novavanyo eklasini ukuqaphela izimvo ezingeyonyani (misconceptions) nokunika ingxelo ngokuqhubekayo (feedback).	Makuphuculwe ulwazi lokuqaphela iimpazamo zabafundi nokusebenza ngazo. Makusetyenziswe olu lwazi ekuqwalaseleni umahluko phakathi kwamanqanaba okufunda abafundi.

Izinto ezihlatywe luphando		Iindlela neenkqubo zootitshala eziya kukhokelela ekupaseni bhetele kwabafundi
Ulwimi lokufundisa nokuphuhliswa kwesigama	Akwenziwa ngokwaneleyo ukuphuhliswa kweekhonsepthi nesigama 'esisodwa' ngenjongo ethile. Akuphuhliswa zikhonsepthi nesigama kwiBakala 3.	Ukuphuhliswa kweekhonsepthi zolwimi nesigama 'esisodwa' kwizifundo ezahlukeneyo kuya kuphucula ulwazi lokufunda nokubhala nokufundiswa kweekhonsepthi eziyimfuneko ezifana 'nokudibanisa', 'ukuthabatha' nokuphinda-phinda njalo-njalo. Kufuneka abafundi baziphuhlise ezi zakhono zolwimi ukuze babe nako ukumelana nezifundo kwiSigaba esiPhakathi. Kufuneka otitshala baqinisekise ukuba isigama esiqhelekileyo nesisetyenziswa imihla ngemihla songezwa ngeekhonsepthi ezintsonkothileyo nesigama.
	Ezikolweni apho ulwimi lokufunda nokufundisa (LoLT) lwahlukile kulwimi lwasekhaya kubafundi abaninzi, okanye apho abafundi baya kucelwa ukuba batshintshele ekufundeni ulwimi lwesiNgesi, ootitshala abazisebenzisi iinkqubo zokufundisa ngeelwimi ezimbini (bilingual approaches) ngengqiqo ukuphucula ukuqonda kwabafundi nokufunda ikharityhulam yeSigaba seSiseko.	Kufuneka otitshala bazi ukuba bangazisebenzisa nini, phi nanjani na iinkqubo zokufundisa ngeelwimi ezimbini (bilingual approaches), ezinjengokusebenzisa iilwimi zombini, ngokuthi ulume nakolunye ngaxeshanye (code switching), ukuphucula ukuqonda kwabafundi nokufunda ikharityhulam yeSigaba seSiseko. Kukwafuneka bazi apho kufuneka iilwimi zigcinwe zahlukene.
	Kwizikolo apho abafundi kuya kufuneka batshintshele ekufundeni ngesiNgesi, kukho ukulibaziseka ekuqalisweni kwesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (English First Additional Language).	Abafundi kwiiklasi zamaBakala 1-3 mababe nexesha elabelwe ngokucace gca ukufundiswa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (First Additional Language), yaye izikolo maziqinisekise ukuba eli xesha lisetyenziselwa ngokupheleleyo oku.